

**Imbizo ngembali yaMaMpondomse**

**KwiHolo yeDolophu uQumbu, 17 kweyoKwindla 2023.**

Mzi wakowethu! Mzi kaNjanya, kaMpondomse, kaNtose, kaNgcwina, kaCirha, kaMte, kaSabe, kaQengeba, kaMajola, kaNgwanya, kaPhahlo, kaSontlo, kaMngcambe, kaMyeki (owadutywa yimfecane waya kuzimela eMgwali), kaMatiwane, kaMhlontlo nebamba lakhe uMbali………. Baye-e-ethe! Zwelozuko!

Ophambi kwenu nguNxuba isiduko, uXolisa igama. Ndingunyana kaNjinela, kaWarhosi, kaTshongolo, kaNqanga. Ndikumhlaba wakuNgcengane phezu komba wabathwa, eMdilingweni, kuJusefu.

SiMaMpondomse silusapho olwadutywa iminyaka ngeminyaka, de sangxamela ukuzilibala, kodwa asazilibala. Unyaka we1880 de kwesa kunyaka awakhothama ngawo uMntwanenkosi uMhlontlo sisiganeko esingena kulityalwa kwimbali yethu.

Abathimbi yasoloko ilikhubalo kubo ukuhlalela ukwahlula abantu ukuba babe ziintsali, ukuze babaqobe. Yayikwabobo bugqwirha babo ke okwakhokelela ekubulaweni kukaHophu ngamabutho kaMhlontlo, emva kokuba wathi wabiza uMntwanomhle ‘ngenja kaVitoliya awayesithi ayinakwala ukuya kuzingela namabutho kaVitoliya,’ kuba uMntwanomhle walayo ukuncedisa uHophu ukuya kuqoba abeSuthu. Wayenokubaqoba njani abeSuthu uMntwanomhle babebuse kuye

ngentlawulelo nje? Kulapho sacaphukayo ke isizwe, ukuba simselele phantsi komhlaba uHophu neengqeqe zakhe.

Umhla wama23 kweyeDwarha 1880 umele kuhlonitshwa ngaMaMpondomse, ungene ezimbalini zawo, njengomhla wokunyathelwa kobugqwirha. Ilitye likaHophu kumhlaba waMaMpondomse sisikhumbuzo nembali emele kufundiswa ngendlela kusapho lwaMaMpondomse, ukuze luyazi ncakasana imbali yalo, luyibona ngamehlo, lwazi ukuba ubugqwirha abubukwa eMaMpondomseni. Xa ndithetha ngobugqwirha ke andithethi nto engaziwayo nengabonwayo neyinkolelo ephuthileyo, ndithetha intliziyo embi, ndithetha ukungcola, ndithetha ukuchithachitha, ndithetha ukuba lutshaba lwesizwe, ndithetha ubusela, ndithetha ubugwinta, ndithetha ubudlwengu, ndithetha ubuhenyu nobufebe, ndithetha ukuthelekisa, ndithetha ukurhwaphiliza, ndithetha ukungahoywa kweentsapho, nazo zonke ke izinto eziyelele kwezi – bubugqwirha ke ezo nto.

Ngenxa yokulwa ubugqwirha ke, uMntwanomhle uMhlontlo wasabela kwelabeSuthu ukuya kufuna ikhusi kwingqumbo yoongqondombi bakaHophu ababesasele. Umntwanomhle uMditshwa, umntakuboMhlontlo, yena wadidinjelwe eziseleni esiqithini, kwangasizathu sinye.

Igqwirha uHophu, esithele ngengalo yobulungisa, ubumantyi ke, wayethe gqolo ukuphembelela nokuququzelela iinkqubo zokuthinjwa kwezizwe ngezizwe kweli lizwe loomawokhulu. Ebulawa nje udinge ngokuya kuselela phantsi abeSuthu ngentimbo, efuna umkhonto kuMntwanomhle, emthembisa ngokumnika imfakadolo. Kwathi kanti akabuzanga elangeni lona libona yonke indawo, suka umkhonto lowo wadla kuye neengqeqe zakhe, wayengaphambananga nje uMntwanomhle!

Kweli tyeli uHophu wayewe phantsi kubunyoka bakhe bokuhlalela ukuthelekisa abantu bakuthi. Wayezisondeza kuMhlontlo nje kaloku

wayefuna ukuthimba ingqondo esi sizwe, aMaMpondomse la ke, ukuze asisebenzisele ubugqwirha bakhe nabakowabo. Watsho phantsi ke kuMhlontlo.

Wayefuze uwabo, uLord Macaulay, owathi kumaBhilitane akowabo ngomhla 02 kweyoMdumba 1835, kwipalamente yawo, 'isizwe sabantsundu sidinga ukuchithwachithwa sifundiswe ukuthiyana nokuthiya izinto zaso sithande ezabacinezeli, kuba sisizwe esimanyeneyo nekungekho bani unokusoyisa xa sindindene sinjalo.' Ndisitshonje kukho abaphandi abathi akukho bungqina bokuba ngenene uMacaulay wayenza le ntetha ndiyicaphulayo. Kodwa enokuba ayinjalo, imiphumela yentetha enjalo siyayibona. Unangoku ke naku abantu esingabo singazifuni izinto zethu, sifuna ezasemzini; singazifuni iilwimi zethu, sifuna isiNgesi. Loo nto ke sayifundiswa, ukuba singazifuni izinto zethu sifune ezabathimbi. Obukoloniyali busemi unanamhla oku, buqhutywa sithi ngokwethu. Loo nto sayifundiswa,  ukuba sithande izinto zobukoloniyali nangani sakhululekayo kubo. Ubuthi esafakwa bona abuphelelwa! Obo bugqwirha ke bobo babuphenjelelwa nguHophu ngeemfazwe zakhe kweli lizwe, echitha, efundisa intiywano nokungazithandi izinto zethu sithande ezakokwabo. Kodwa watsho phantsi kwithandasizwe nethandaBuntu uMhlontlo!

AmaQwathi nawo ayebubhaqile obu bugqwirha. Anamathelana naMaMpondomse ukulwa abo bathimbi bezilambi nabaphangi kweli lakuTsolo nakuQumbu. NamaBhaca namaXesibe kwelawo icala eyayihlomile, ebambene, esilwa abarhwaphilizimhlaba. Phi ke? Abarhwaphilizi abazange babuye mva, ilithe labo lasele londele ukuba lisosele. Basiqoba ke!

Abacinezeli bamlanda uMntwanomhle apho elubhacweni ukuba bamtshutshise ngokubulawa kukaHophu, utshutshiso lowe1903 – 1906 kwelaseQonce. Nalapho akwawasilela loo magqwirha, akabi nako ukumfumana enetyala uMntwanomhle. Kodwa phi ke umlingi engaphezi nje! Bamphuca ubuKumkani uMntwanomhle, bathi uya

kufa engumntu omnyama, ndingazi ukuba kwakungegunya abalithathaphi na ukumisela nokuthoba iikumkani zeli lizwe! Lalisele loyisiwe ilizwe, kulawula abathimbi, izimamhlaba ziphila ngemfobe yabathimbi!

Ngokusa okukhulu, nako ngowe1930 aMaMpondomse esithiwa nyha ngobukhosi, hayi ubukumkani! Okunjani kona ukusa! Sachithwachithwa isizwe kumiselwa iinkosi ngokwahlukileyo, ukuba kwahlulwe uTsolo anikwe uMditshwa uQumbu anikwe uSigidi. Kwakusekutheni ngoku sele sisenzelwa ngabangcuchalazi elizweni loomawokhulu? Kwakuyinkcitho nokuphuntshwa kwesizwe!

Ngala magqabantshintshi ke, isizwe masifundiswe ukuzithanda nokuzingca nokuzigcina. Imbali yesizwe mayibhalwe ngamagcisa namaciko akokwethu. AMaMpondomse makabe lusapho olunye, kungangeni nto phakathi kwalo, nabahambela ngaphandle mababizelwe ngaphakathi bondliwe ngokweemfanelo zabo. Makungakhe kulinge kuthiwe isizwe saMaMpondomse silwa sodwa! Kungakhe kulinge kuthiwe umkhonto udl’ ekhaya! Mabasingathane abantwana bakaMpondomse kaNjanya, bahlambane ibhula. Iincukuthu ezikhoyo kulo mzi mazisilelwe ujiki, kubizwe abantu beze bembethe iingubo, buselwe ngorhatya ukuhla kweencukuthu, ukuze bazibuthe ngezo ngubo zabo bemke nazo ezo ncukuthu! Amaphakathi mawazimisele ukunyanisa enothando maxa onke, angamphandli uMntwanomhle, angoyeli emiseleni isizwe sikhona.

Bendithe ke nibize mntwana namhlanje, ukuba azothetha nani. Mhlawumbi niseza kumbiza oyena mntu uya kuthetha into niyive. Mna ke ngalawo ndiyayatshonela! Baye-e-ethe! Zwelozuko!

**Gqr Xolisa Tshongolo, 17 kweyoKwindla 2023, kuQumbu.**